



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

AMANQAKU

IIMVAVANYO ZONYAKA NONYAKA KUZWELONKE 2013 IBANGA 2 ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA UVAVANYO

AMANQAKU: 30

IXESHA: 1 IYURE

IPHONDO _____

UMMANDLA _____

ISITHILI _____

IGAMA LESIKOLO _____

INOMBOLO YE -EMIS (9 iidigithi)

--	--	--	--	--	--	--	--	--

IBANGA (Umz. 2A) _____

IFANI _____

IGAMA _____

ISINI (✓)

INKWENKWE

INTOMBAZANA

UMHLA WOKUZALWA

C	C	Y	Y	M	M	D	D
---	---	---	---	---	---	---	---

Olu vavanyo lunamaphepha ali-14, ngaphandle koqweqwe.


I miyalelo kutitshala

1. Fundela abafundi umbuzo ngamnye ngokuvakalayo ungangxamanga.
2. Funda umbuzo kabini ngelixa bej onge kwiincwadana zabo.
3. Nika abafundi ithuba lokuzibhalela iimpendulo zabo kwizithuba ezinikiweyo.
4. Bakuba begqibile ukubhala iimpendulo zombuzo ngamnye, qhuba ubafundele imibuzo.
5. Landela le nkqubo de uyokufika kumbuzo wokugqibela.
6. Amanqaku olu vavanyo ngama-30.
7. I xesha lokubhala olu vavanyo yimizuzu engama-60.
8. Yenza yonke imisebenzi yokuziqhelisa nabantwana.

Umsebenzi wokuziqhelisa

1. Biyela igama elihambelana nomfanekiso.


Le yi ...



- A kati
- B nkomo
- C nkuku
- D nj a

2. Beka uphawu (x) kwibhokisi enempendulo echanekileyo.

Le yi ...



kati	
mpuku	
nj a	
nkomo	X


Kuvavanyo lwakho uza kuphendula eminye imibuzo eFana nale uqgiba kuyiphendula

Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.

1. Phendula imibuzo elandelayo.

1.1 Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

Eli li...



A gqolo

B gqudu


C gqirha

D gqabi

1.2 Khetha igama elichanekileyo elikwibhokisi engezantsi.

Bhala igama kumgca ongezantsi komfanekiso.

iwotshi	iwigi	iwonga	iwulu
---------	-------	--------	-------



.....

1.3 Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.
Ndi... umama wam phambi kokuba ndiye esikolweni.

- A ncitha
- B ncula
- C ncamisa
- D ncothula

Funda ibali ze uphendule imibuzo 2 - 8.

Ngenye imva kwemini eyayivuthuza umoya, uVuyani wayesiya evenkileni. Uthe esihla ngendlela, wothuswa kukubona umsi uphuma esikolweni. Wema emangalisiwe. Wesuka watsiba kwibhayisikile yakhe, wehla enyuka ebaleka ecaleni kocingo olubiyele isikolo. Wakhwaza ecela uncedo kodwa ngenxa yokuba umoya wawuvuthuza ngamandla akwabikho mntu umvayo.

UVuyani waqala ukuba nexhala kuba amadangatye ayedwanguza ngamandla enwenwela kwizakhiwo. Wakhawuleza wacinga icebo. Ngokungxama wakhwela kwibhayisikile yakhe waya kwatitshalakazi wakhe. Wamxelela ngomlilo osesikolweni waza utitshalakazi watsalela izicima-mlilo umnxeba.

Abacimi-mlilo bawucima umlilo phambi kokuba ufike kwizakhiwo.

Abacimi-mlilo bamxelela ukuba ligorha uVuyani baze bamkhwelisa kwiloli yokucima umlilo. Yamvuyisa kakhulu loo nto uVuyani.

2. Faka uphawu u (x) ebhokisini.

Sithini isihloko esifanelekileyo seli bali?

I sihloko esifanelekileyo seli bali sithi ...

UVuyani uyamthanda utitshalakazi	
UVuyani uya esikolweni	
UVuyani unebhayisekile	
UVuyani uligorha	

3. Faka uphawu u (x) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Ngubani owacima umlilo?

Ngutitshalakazi kaVuyani.	
Ngabantwana.	
Ngabacimi-mlilo.	
Ngumama kaVuyani.	

4 Gqibezela esi sivakalisi.

Kwakukho umlilo e

5. Landelelanisa iziganeko ebalini.

Nombola izivakalisi 1- 4 ebhokisini.

Wabona umsi esikolweni.	
Utitshalakazi wakhe watsalela umnxeba izicima-mlilo.	
UVuyani wayesiya evenkileni.	
Waya kuxelela utitshalakazi wakhe.	

6. Faka uphawu u (x) kwibhokisi enempendulo echanekileyo.

Umlilo wanwenwa ngokukhawuleza kuba ...

uVuyani wayekhwele ibhayisekile yakhe.	
isango lalivaliwe.	
uVuyani wayenexhala.	
yayiyimini eyayivuthuza umoya.	

7. Faka uphawu u (x) ecaleni kwebhokisi enempendulo echanekileyo.

Kwakutheni ukuze abacimi-mililo bamkhwelise uVuyani?

Abacimi-mililo bamkhwelisa uVuyani kuba ...

babesithi ligorha.	
wayeza kuya evenkileni.	
wacela ukukhweliswa.	
wayesonqena ukuhamba ngeenyawo.	

8. Phendula imibuzo engezantsi.

8.1 Nika isizathu esibangela ukuba uthi ulithandile okanye akulithandanga ibali?

.....
.....

8.2 Kwakuza kwenzeka ntoni ukuba abacimi-mililo babengazange bawucime umlilo?

.....
.....

9. Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.
Leliphi elinye igama elithetha into enye no "omvayo"?

A oculayo

B ommamelayo

C othethayo

D obalekayo

10. Bhala impendulo echanekileyo emgceni.

I sichasi seli gama, "wema"

11. Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

11.1 Abacimi-mlilo bathi uVuyani ligo...a.

A sh

B rh

C th

D ph

11.2 Abacimi-mlilo bafika ...ambi kokuba konakale.

A ph

B kh

C th

D qh

12. Jonga le khalenda ingezantsi uze uphendule imibuzo.

Epreli						
Cawa	Mvulo	Lwesi- bini	Lwesitha- thu	Lwesine	Lwesi- hlanu	Mgqibe -lo
	1	2	3	4	5	6
7	8	9	10	11	12	13
14	15	16	17	18	19	20
21	22	23	24	25	26	27
28	29	30				

Khetha igama elichanekileyo kwibhokisi engezantsi ukuphendula imibuzo.

Lwesine	Mvulo	Lwesihlanu	Lwesithathu
---------	-------	------------	-------------

12.1 Inyanga kaEpreli iqala ngo.....

12.2 Usuku olulandela umhla we-16 ku-Epreli
ngu.....

12.3 U..... wokugqibela ngumhla wama-25
kwinyanga kaEpreli.

13. Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

Amakhwenkwe ...khwele iibhayisekile zawo.

A a

B ba

C i

D e

14. Bhala kwakhona ezi zivakalisi zilandelayo kwi...

14.1 xesha elidlulileyo.

UVuyani ucoca igumbi lakhe.

I zolo

14.2 xesha elizayo.

I zicima-mlilo zicima umlilo.

Ngomso.....

15. Bhala kwakhona ezi zivakalisi.

15.1 Fakela iimpawu zobhalo ezimbini ezichanekileyo kwesi sivakalisi singezantsi.

Uvuyani uyasithanda isikolo sakhe

.....

15.2 Fakela uphawu lobhalo kwesi sivakalisi singezantsi.

“Iphi ibhatyi yam” wabuza umcimi-mlilo.

.....

16. Fakela isimelabizo kumgca ongezantsi.

Abantwana baqubha emlanj eni.

17. Bhala izivakalisi ezi-5 ukuya kwezisi-8 ngalo mfanekiso ungezantsi.



A large rectangular box containing ten horizontal dotted lines for writing.

Amanqaku ewonke: 30